

UYILO LWESIFUNDO

IGREYIDI.....03..... IYURE NGEMINI.....01.....IXESHA LILONKE:IVEKI
 UMHLA EKUQALWA NGAWO.....UMHLA EKUGQITYWA NGAWO ...INANI LEENTSUKU..
 UMXHOLO WESIFUNDO...USAPHO..... ISIHLOKO SESIFUNDOAmabali
 nemihobe.....

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOKUHLOLA	IZITHINTELO ZOKUFUNDA
<p>PF 2:UKUTHETHA GH 1:Balisa ngamava akhe neziganeko ezitsha jikelele nokuvakalisa izimvo neengcamango malunga nazo.</p> <p>GH 2:Sebenzisa ulwazi lwentelekelelo ukuzonwabisa neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo ,ukudlala imidlalo yamagama ,amaqhina, ukuyila imihobe ,nokuthetha ngelwimi ezininzi ngaxeshanye).</p> <p>GH 3:Sebenzisa iimbonakalo</p>	<p>UMSEBENZI Utitshala uchonga abafundi ababini ukuya kwabane ukuba babalise iindaba zabo bebonisa uvakalelo namava abo,abanye bemamele ukuze utitshala alungise iimpazamo zolwimi.</p> <p>UMSEBENZI WOHLOLO 01 Abafundi bazama ukuyila imihobe,iziqhulo bebhekiselele kwinto ezibangqongqileyo.umz:abantu ,izilwanyana,isitiya,njl.njl.</p>	<p>IINTLOBO ZOHLOLO -Utitshala -Amaqela -umlingani</p> <p>IZIXHOBO ZOHLOLO -itshekilisti -incwadi yokubonwayo</p> <p>UMSEBENZI WOHLOLO -incoko yomlomo -</p>	

<p>ezahlukeneyo nezijekulo xa ebalisa ibali.</p> <p>GH 4:Yila nokubalisa amabali anesiqala, isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo eneempawu zesakhiwo sebali nesimo sabalinganiswa.</p> <p>UNXULUMANISO KWESIFUNDO PF 1:UKUMAMELA GH 5:Mamela onwabele ooqashi-qashi /amaqhina neziqhulo ngokuphendula ngokufanelekileyo.</p> <p>PF 4:UKUBHALA GH 6:Enza isigama aze uzipelele amagama ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kuguquguqula isigama ngokuqhutywa ngumdlaneenjongo ezithile, • Kwenza umfuniselo nokudlala ngamagama avela kumabali ekufundeni ,kwizixhobo zosasazo,kwiziqhulo ,kwintetho yabalingane 	<p>UMSEBENZI Utitshala unika abafundi isihloko ukuze bakhe ibali elinesiqalo ,isiqu nesiphelo. Abafundi banikwa ithuba lokubalisa ibali besebenzisa ubuchule bolwimi bekhuthazwa ukusebenza izijekulo .</p> <p>UMSEBENZI Banikwa nethuba lokwenza imibongo bebhekisele kubantu abangamqhawe ekuhlaleni nakwsizwe ngokubanzi</p> <p>UMSEBENZI Utitshala unika abafundi isivakalisi esinye sokuqala sebali baze bongezelele ezabo izivakalisi ngabanye ukwakha ibali elinesiqalo isiqu,kunye nesiphelo.</p> <p>UMSEBENZI Abafundi babhala amagama angaqhelekanga abawafumene ebalini benze ibhanki yamagama ,bephawula izandi nopelo magama ngendlela eyoyi.</p>		
---	--	--	--

<p>nabanye,</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwenza ibhanki yamagama nesichazi – magama sakho, • Kusebenzisa isichazi-magma\ ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama, • Kusebenzisa ulwazi lwezandi nemithetho yopelo ukubhala amagama angaqhelekanga. <p>PF 6:UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI. GH 6:Phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kuphonononga indlela iklasi esebenzisa ngayo intetho engaphucukanga,kwaye ithethwa nabani ngeziphi iinjongo. <p>. KWEZINYE IZIFUNDO ISIFUNDO NGEZOBOMI PF 2:UKUPHUHLISA EZENTLALO GH 4:Balisa amabali ngamadoda nangabafazi abangumzekelo kwiinkcubeko zasekhaya</p>			
---	--	--	--

<p>ezahlukeneyo. UBUGCISA NENKCUBEKO PF 2:UKUBONAKALISA GH 1:DANISA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuchonga indlela ezibonakaliswa ngayo iimvakalelo nesimo sengqondo ngomzimba nangobuso ,ukusetyenziswa kwamandla nokhetho lwentshukumo. 			
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDISA:incwadi yamabali noqaqshi-qashi,iincwadi zokubhala zabafundi</p>			
<p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:</p>			